# Usapho lwam

## Imibuzo phambi kokuFunda

1. Jonga umfanekiso ongezantsi. Ucinga ukuba kuza kuthethwa ngantoni?
2. Nibangani nina kusapho lwakho?



Igama lam nguLumiso. Olu lusapho lwam. Sihlala sobahlanu. Ndiluthanda kakhulu usapho lwam.

Uluthanda kangakanani usapho lwakhe uLumiso?




Nanku umama wam. Mhle umama wam. Uthanda ukunxiba kakuhle.

Xela ukuba umama unjani?




Lo ngumakhulu wam. Sihlala naye apha ekhaya. Uyasithanda sonke.

Yintoni ethandwa ngumakhulu?


EXTRACT PAGES

Lo ngumntwana omncinci wasekhaya. Igama lakhe nguLili. ULili unonyaka omnye.

Uneminyaka emingaphi uLili?



EXTRACT PAGES

Lo ngumalume uBhiza. Umalume mde ngesithomo. Uthanda ukwenza igadi.



Singakanani isithomo sikamalume?



EXTRACT PAGES

Lo nguKhulu inja kamalume. Unebala elimnyama namdaka. UKhulu uneminyaka emithathu.

Yitsho ukuba uKhulu uneminyaka emingaphi?



Umkile umama nomalume. Baphangela edolophini.

Gqibezela. Umama nomalume baphangela e____________.




ULili ulilela umama. Umama nomalume bayabuya emalanga.

Babuya nini umama nomalume?